

**INtetho yeNkulumbuso yokuVula kumsitho weseshoni yokuqala yePalamente yesi7 yeNtshona  
Koloni: 31 kweyeKhala 2024.**

Somlomo noSekela Somlomo oHloniphekileyo,  
Malungu aHloniphekileyo eKhabhinethi yePhondo,  
Malungu aHloniphekileyo eNdlu yoWisomthetho yePhondo neNkokheli yeQela eliPhikisayo,  
Malungu angaBameli bamazwe neeNdwalutho zaseMkhosini,  
OoSodolophu abaphuma koomasipala bethu,  
Amalungu ezendaba,  
Zindwendwe eziHloniphekileyo.

Molweni ngale ntsasa, goie mōre, molweni kuni bahlali bephondo lethu elihle.

**Ukukhusela nokuxhasa idemokhrasi yethu**

Kulo nyaka sizimanyi nabantu abazibhiliyon i ezi2 kumazwe angaphezu kwama50 abathe bayokuvota ukuze benze uphawu lwabo ekukhuseleni nasekuzinziseni idemokhrasi.

Kwiindawo ezininzi kakhulu, idemokhrasi isengozini kwaye ihlaselwa nagabambono zibaxiweyo, ngabaqhub' udumo, ngabanobuhlanga nobuzwe. Uninzi lwethu belunoloyiko lokuba apha eMzantsi Afrika loo mazwi akhohlakeleyo asengaphumelela.

Nangona kunjalo, kuye kwaphumelela ukuba nengqiqo nokunyamezelana. Siye sabuphepha ubundlobongela nezopolitiki eyingozi, silungiselela uninzi lwabahlali bethu.

Nangona siye **saphumelela kunyulo lukazwelonke Iwango2024 ngethemba nasekuthembeni**, ukuba okulungileyo okwahlukileyo kunokwenzenka kweli lizwe, ndikhathazeke kakhulu linani labemi boMzantsi Afrika abangazange bavote. Kufuneka sonke sicingisise ukuba kutheni abemi bethu abaninzi bengalisebenzisi ilungelo elalwelwa nzima kangaka ngabantu abaninzi; kwaye kungundoqo wokugcina idemokhrasi yethu.

Kubantu bethu ababhalisileyo abangabavoti abazigidi ezingama27.7, bazigidi ezili16.2 kuphela abaye bavota, kwaye inani lethu labavoti abafanelekileyo lehlile ukusuka malunga neepesenti ezingama86% ngo1994, ukuya kutsho kwiipesenti ezingama41% ngo2024. Nto leyo ethetha ukuba nagabavoti abafanelekileyo **abane kwabali10 abavotileyo kwinto ebibizwa ngokuba lolona nyulo lubaluleke kakhulu ukusukela ngo1994**.

Njengabameli **boluntu kufuneka sibuze ukuba kutheni kwaye** singawuguqula njani lo mkhwa wokuphuma kwabantu abaninzi kangaka kwinkqubo yedemokhrasi. NjengoRhulumente weNtshona Koloni, kufuneka sicinge ngeendlela zokufumana **iindlela zokuthetha nokusebenzisana nabahlali bethu ngendlela ebenza bazive bebonwa**, bephathwa ngesidima nentloniph, ngokunjalo babandakanywe njengabahlali abakhutheleyo bephondo lethu.

Amaxesha amaninzi ngexesha lamaphulo okugay' ivoti abahlali bathi kum, "Yintoni injongo yokuvota ... kutheni kufuneka ndizikhathaze ... azisayi kutshintsha izinto." Ndihlaba ikhwelo kumntu ngamnye wethu apha kule ndlu yowisomthetho, nakulo rhulumente ukuba kuqinisekiswe ukuba kwixesha leminyak' emihlanu elandelayo **sibonisa abahlali bethu ukuba kutheni bebalulekile nokokuba, ngomsebenzi wethu, silakhela bona eli phonondo nekamva lethu**.

lintetho zethu **njengabameli boluntu zibalulekile**. Ngumsebenzi wethu ukubamba iqonga leencoko ezinzima, singazibaseli ngakumbi okanye sibangele ixhala kubahlali bethu.

Sele ndidibene neNkokheli yeQela eliPhikisayo, kwaye ndijonge phambili kwiindibano ezininzi namahlakani kule ndlu. Sonke silapha ukunceda abahlali beli phondo. Ndilindele kwaye ndiyawamema amalungu ale ndlu aqinisekise ukuba lo rhulumente uluthathela kuye uxanduva akwenze oko ngendlela enentlonipho.

Kwaye nangona ndixhalabe kakhulu malunga nokuba bangaphi abemi abakhethe ukungavoti, ndikwazaliswe **kukuzibophelela ekubeni ndingalimoshi eli xesha lixabisekileyo**.

Ngalo Rhulumente woManyano weSizwe (GNU) umtsha, sikhunjuzwa ngemithethosiseko yokuseka uMzantsi Afrika owazalwa ngo1994 nawo owawuphantsi komanyano olukhulu: amathuba alinganayo, ukubandakanya, nokulwela nokuhlonipha ulawulo lomthetho.

Ndikhumbula oko kwathethwa nguMongameli wethu ongasekhoyo, uNelson Mandela xa wayebekwa esihlalweni:

"Imisebenzi yethu yemihla ngemihla njengabemi boMzantsi Afrika abaqhelekileyo kufuneka ivelise inyani yokwenene yaseMzantsi Afrika eya komeleza inkolelo yoluntu kubulungisa, yomeleza ukuzithemba kwabo ekuhloniphekeni komphefumlo womntu kunye nokugcina onke amathemba obomi obuzukileyo kumntu wonke."

### **Enkosi ngethemba enithe nalibeka kuthi**

Abahlali bephondo lethu elingaqhelekanga babonakalise ukholo kuthi ngokusinika ivoti yabo eninzi, kwaye andiyithathi lula le nto yokuthembela kwabo kuthi. Ndiza kubasebenzela nzima ngakumbi abahlali bethu yonke imihla kule minyaka mihlau izayo.

Ndibulela kubavoti nakule ndlu ngewonga enindinike lona lokuba **ndinisebenzele njengeNkulumbuso yenu, ndithobeke kakhulu**.

Kukho imingenienzima esijongene nayo kwaye kufuneka siqbisane nayo sikunye ukuba sifuna ukususa abona bantu basemngciphekweni kwintlupheko, sinyuse uqoqosho, sakhe uMzantsi Afrika kunye neli phondo ngoku nokwenzela ikamva lethu.

### **URhulumente kufuneka ASEBENZELE WENA**

Ndibulela into yokokuba asiqaleli ekuqaleni. Kule minyaka mi5 idlulileyo, sakhe isiseko esiluqilima solawulo olungenachaphaza nonikezeloo Iweenkonzo olululo nangona kukho imingeni emininzi,

Sikulungele ukwenza okungakumbi!

URhulumente weNtshona Koloni uzibophelele ekwenzeni konke okusemandleni ethu ukunceda uRHULUMENTE WEMANYANO WESIZWE aphumelele UKWENZELA NINA bahlali bephondo lethu. Kufuneka sakhele kwiimpumelelo ezizuzwe ngulo rhulumente kule minyaka mi5 idlulileyo. Siza kusebenzana namanye amanqanaba karhulumente. Siza **kubaxhasa xa kusemdleni wabahlali bethu kwaye sibalwele abahlali bethu xa singakholelwu ukuba bayakwenza oko**.

Sizibophelele kulawulo lwentsebenziswano, kodwa siza kumenza aphendule urhulumente kazwelonke.

Olona gxininiso lubalulekileyo lwalo rhulumente kule minyaka mihanu izayo luza kuba **luzinziso lwezemali**. Asinakukwazi ukwakha izibhedlele neendlela ezininzi, siqeshe ootitshala nooggirha abaninzi size sincede uluntu lwethu ukuba asiyifumanu inkxasomali ebafaneleyo abahlali bethu.

Kunyaka odlulileyo, besibekwe kwindawo engamkelekanga phakathi kweSakhelo seNkcitho yeSigaba esiPhakathi (i-MTEF) 2023 ngenxa yomthetho osayilwayo ovuniweyo wecanadelo likarhulumente, sagqithisa kakhulu kwixabiso lentengo nangaphezulu koko bekuqikelelwe kona.

Abahlali bethu baye banyanzeleka ukuba banyamezele **ukucuthwa okungazange kubonwe enyakeni**, nto leyo ebeka esichengeni uhlahlo lwabiwomali. Oku kuncitshisa kohlahlomali kubetha ngamandla iinkonzo eziphambili zikarhulumente ezifana nezemfundo, nezonakekelo lwempilo, ngokunjalo nezophuhliso lwentlalo. Ngabantu abahlelekileyo abasemngciphekweni kuluntu abaluva ngokuqatha ulwamvila.

Besingenandlela mbini ngaphandle kokubhengeza ingxabano yangaphakathi koorhulumente (i-IGD) norhulumente kazwelonke.

Sibonakalise ukuba ngokuthatha eli nyathelo, singayiphakamisa imiba engumngeni kuRhulumente kaZwelonke ngendlela eyakhayo.

URhulumente weNtshona Koloni uzama ukubona ingxabano yangaphakathi koorhulumente (i-IGD) ifikelele esiphelweni kwaye uyakuqaphela into yokokuba le yinkqubo eququzelelwe kakuhle esekelwe **kumoya wolawulo lwentsebenziswano**. I-IGD izama ukubeka imithethosiseko ecacileyo malunga nokuba kuya kuvunyelwana njani ngemivuzo yexesha elizayo.

Sayivila le nkqubo, hayi kuphela ekubekeni phambili imidla yabahlali beli phondo, koko kumaphondo onke.

Sizibophelele ekusebenzisaneni noNondyebo weSizwe kune noMphathiswa uGondongwana, **kodwa asiyi kuthandabuza ekuthatheni amanyathelo xa sibona ukuba umoya wentsebenziswano, esiwuzuzileyo ekusombululen le ngxabano wonakele okanye uthotyiwe**.

Kwaye lo gama besivila inkqubo yelGD, ndinike uMphathiswa wezeMali wephondo imiyalelo ecacileyo ukuba asebenzisane noNondyebo weSizwe ukuqinisekisa ukuba sifumana isabelo esifanelekileyo kwinkxasomali kazwelonke. Inkqubo yangoku ayinabulungisa kwaye kufuneka itshintshe.

INTshona **Koloni inabona bantu banda ngokukhawuleza eMzantsi Afrika**.

Kuzwelonke singabesithathu ukuba nabona bantu baninzi, kodwa sifumana isahlulelo sohlahlomali sephondo **elilelesihlanu ukuba anabntu abaninzi**.

Oku akulunganga, kwaye siza **kulwela oko kufanelwe ngabahlali bethu ngokusesikweni**.

Amaphondo iGauteng neKwazulu-Natal ajongene noxinzelelo olufanayo nolwethu, nawo **afanelwe yinkxasomali efanelekileyo**, ukuze abahlali bawo, njengabethu, bafumane iinkonzo abazidingayo nabazifaneleyo.

Kodwa njengorhulumente wephondo kufuneka siphonononge **amanye amathuba enkxasomali**, kwaye kule minyaka mihanu izayo ndiza kumphendulisa lo rhulumente ukuqinisekisa ukuba siyifumana naphi na apha sikwaziyo khona imithombo eyahlukeneyo yengeniso.

Ngerekodi **eligqwesileyo lolawulo olululo esilusebenzele nzima** ukuze silufezekekise, maninzi amathuba phandl' apha okuba **siqhubele phambili nokuboleka utyalomali olukhulu** esifuna ukulwenza. Yinto endiyichonge njengomsebenzi kaNondyebo wePhondo kwithuba lam langaphambili kodwa ngenxa yeentlekele ezininzi ebesijongene nazo kunye nophazamiseko olubangelwe yiCOVID-19 asikhange sibeke zixhobo ziymuneko ekulandeleni amathuba okuboleka kunye nawokuxhaswa ngemali. Xa ndiphuma kule ofisi ekupheleni kwexesha lam, ndifuna ukuba sibe **sizikhusele izivumelwano eziboniswa yimbali yethu yokuhambis' iinkonzo, ukuze silwenze lwenzeke utyalomali lwexesha elizayo kwaye sikhusele nozinzo lwethu lwezemali**.

### **Ukwakhela kwiimpumelelo zethu ngokuba lelona phondo lilungele ikamva**

Ukwakhela ikamva akukho nje malunga nozinzo lwezemali, **kukwamalunga nokupuhhlisa imigaqonkqubo eyiyo nokuqinisekisa ukuba iyazalisekiswa ngoku**. Kufuneka sisebenze ngcono ngoku, ukwenzela ikamva.

Lo rhulumente uye wafunda ukuba akhawulezise kwaye adlamke ngenxa yemeko ehlala ingathelekeleki ekufuneka sisebenzele kuyo. Siye sanyamezela umbulelo omkhulu ngokuzinikela kwabantu abangama 90 000 abasebenzela lo rhulumente.

Kulindeleke ukuba abantu baseNtshona Koloni bafikelele kwizigidi ezili 10 ngonyaka ka 2040.

Bafikelela kwi 150 000 abantu abafudukela kweli phondo minyaka le, ubukhulu becalo ngenxa yokuzinikela kwethu kulawulo olululo nakuqoqosho olutyebi ngemisebenzi.

Kodwa oku kwanda kwabantu kuza nemingeni ebalulekileyo. Oku kubeka uxinzelelo **olwandisiweyo kuthi sonke**, ngakumbi kuhlahlomali lwethu.

Amalinge afana **nekqubo yoKwakha iZikolo eKhawulezayo** alelinye lamanyathelo ongenelelo ajolise ekuqhubekeni nokwandisa amanani abafundi abafuna imfundu esemgangathweni eNtshona Koloni nokulungisa ukungalingani kwexesha lethu langaphambili.

Ukwamkela abafundi abandayo ngonyaka, kule minyaka mi 5 idlulileyo, le nkqubo iye yakha amagumbi okufundela amatsha angaphezu kwama **2 000 kwiphondo liphela, kuquka namagumbi okufundela amatsha angama 48 ukwenzela abafundi abaneemfuno ezikhethekileyo**.

Ndibe nendyweba yokutyelela isayithi yesikolo esitsha eLwandle esakhiwayo kungoko nje ngale nkqubo. Ngesitena nesitena sakha iindawo ezindilisekileyo zokufundisela nokufundela.

Ukwanda kwabantu okuqhubekayo nokutshintsha kwemozulu nako kubeka izibonelelo zendalo, izibonelelo zethu ngokunjalo necandelo lethu lezolimo phantsi koxinzelelo.

Kubaluleke kakhulu ukulawula iizibonelelo ezixabisekileyo ezinjengamanzi, kwaye kungoko ndiye ndongeza **ukhuseleko Iwamanzi kuluhlu Iwam Iwezinto ekumakuqalwe ngazo**.

Amadama ethu asenokuba agcwel' ayaphuphuma xa kungoku, kodwa **asinakuqinisekiswa ngokhuseleko Iwamanzi kunyaka ozayo**. Malunga neeveki ezintathu phambi kwezo zandyondyo zemvula kwiiveki zokuqala kweyeKhala, uMphathiswa wethu kaRhulumente weNgingqi neMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso wayesaqukumbela ingxelo eya kwiKhabhinethi yethu yephondo ukucwangcisela uzalisekiso lokunyinwa kwamanzi emva kobusika obunembalela. Eli lihlabathi esiphila kulo ngoku. Akukho nto iqikelelwayo; asinako ukungayithatheli ngqalelo nantoni na.

Sonke siqhelene nebinzana elithi "UkuNgasetyenzisa kwaManzi konkekone" kufuneka ke ngoko sicwangcise ngokwaneleyo nangokufanelekileyo ukuqinisekisa ukuba iphondo lethu linamanzi kwaye liyaxhathisa. Kulo "mngcipheko wokuphantse sibesengozini" owawunentlekele safunda izifundo ezibalulekileyo. Yiyo le nto sizalisekisa **iSicwangciso esoMeleleyo saManzi neMbalelo esihlanganisiwego seNtshona Koloni seminyaka eli15** ukuze sikulawule ngcono ukunikezelwa nokufunwa kwesi sibonelelo sixabisekileyo.

### **Ukusabela ngokufanelekileyo nangempumelelo kwiintlekele**

Iphondo lethu liziva **livutha ngumsindo ngenxa yokutshintsha kwemozulu**. Oku kwenzeka phambi kwamehlo ethu.

NgoMvulo weveki edlulileyo, uMhlaba ubo **nolona suku Iwakhe lashushu kwirekhodi**, ukogqitha irekhodi langaphambili ebelibekwe kwiyyure ezingama24 ngaphambili. Iyibhadlanga ke into yokuba kwangaxeshanye bendikumajelo eendaba ndithetha "ngamadada ahamba kuN1".

Nyaka ngamnye sibona **imililo eqatseleyo, iimvula ezinkulu nezikhukula kunelix langaphambili**.

Phantse nyanga zonke kulo nyaka ukuza kuthi ga ngoku, bekukho intlekele enku: ukusukela kwimililo ekhohlakeleyo ukuya ekucimeni kombane okukhulu eKaroo ukuya kwiimvula ezinkulu kune nezikhukhula.

NgoMeyi **intlekele ebangelwe ngumntu** yashiya abantu abangaphezu kwamashumi ama30 beswelekile babe abaninzi benzakele.

Ndikhumbula kakuhle ndifika kwisayithi ekwadilika kuyo sonke isakhiwo eGeorge. Umlinganiselo waloo ntlekele wawudandathetisa kakhulu.

Kodwa ngemizuzu nangeeyure nje ezingephi, le sayithi yentlekele yayinyakazela ngamagosa olawulo Iwentlekele azo zonke iintloba, athe **asebenza kakuhle ekunye ukuze asindise ubomi babantu**.

Kwakungenxa yale ntsebenziswano imangalisayo apha uGabriel Guambe, wakhutshwa phantsi kobutyobo emva kweeyure ezingaphezulu kwzili100 siwile isakhiwe. Ndisahanjelwa ngumzimba xa **ndikhumbula loo mzuzu wawungoMgqibelo, 11 kuCanzibe xa ingalo kaGabriel yaphakanyiswa** njengoko wayehlanguliwe kwinkunkuma.

Kwakungenxa yokuzinikela okungagungqiyo kune nobuchwephesha bamagosa ethu entlekele okwabangela ukuba uGabriel nabanye abaninzi basindiswe.

Abanye babo bantu bamangalisayo **bakunye nathi apha kule galari namhlanje kwaye ndifuna khe ndinqumame okomzuzwana ukuze ndibaqaphele** kune namawakawaka abantu

abasebenza nabo kwintlekele nakunxunguphalo ngalunye. **Niyamangalisa kwaye nibonisa okuninzi lo rhulumente azama ukuba kuko.**

Kwaye ngelixa sibhiyozela ubomi babantu abaninzi abasindisiwyo, iingcinga zam zihleli kunye neentsapho zabo baye batshabalala.

Siza kwenza konke okusemandleni ethu ukuqinisekisa ukuba abo banoxanduva ekwenzenkeni kwale ntlekele ingachazekyo bajongana neziphumo zokungakhathali kwabo.

Xa sijongena nentlekele nganye, **utyalomali lwethu oluzingileyo kwiinkqubo zethu zolawulo lweentlekele luya phumelela.** Kule minyaka mininzi idlulileyo, sakhe ngokungaguqguqukiyo nangokulqilima inetwekhi oluchwepheshe lweengcali ezixhotyiiswe ngezibonelelo ezizidingayo ukuze zikwazi ukusabela kuyo nayiphi na intlekele evelayo.

Iziko loLawulo lweNtlekele kwiPhondo lethu liphambili kwinkqubo yethu yonke yolawulo lweentlekele, liququzelela kwaye likhokela amacandelo amaninzi enza olu thungelwano lubalulekileyo olusindisa ubomi.

Silubulela kakhulu uhlengahlengiso olukhawulezileyo kunye nokubhengezwu kwentlekele yephondo emva kokutshatyalaliswa yimozulu eqatseleyo ehlasele iphondo ebutsheni bale nyanga. Kodwa **sisatyalwa iR1,3 yeebhiliyon i eziyinkxasomali** yeentlekele yothotho lwezikhukhula ezenzeke kweli phondo ngo2023 ngurhulumente kazwelonke, kwaye **ndiza kubenza baphendule ngale nkxasomali esiyidinyo ukuze sakhe ngokutsha.**

Kodwa kufuneka siqale **ukusebenza ngokwahlukileyo kakhulu njengorhulumente** ukuba sifumana ukumelana nemeko yendalo engazinzanga neyandayo.

Okwangoku ndicele abaphathiswa kunye namasebe eziBonelelo zoPhuhliso, elezoLimo, eloORhulumente beNgingqi neMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso ukuba **achonge ngokukhawuleza izibonelelo zophuhliso, imithombo yomhlaba namanzi enokuba sesichengeni kwizikhukula nemililo kulo nyakamali. Ngoku kufuneka sijonge iidlela esinokuyithoba ngayo le mingcipheko.** Idolophu yaseCitrusdal sele ivaliwe kabini ngenxa yezikhukhula kwezi nyanga zili12 zidlulileyo, siphulukene nendlela uN2 eBot River kwaye iidlela ezingenakubalwa kuye kufuneka zivalwe.

Kwakhona ndiyamxhasa uMphathiswa wethu weziBonelelo zophuhliso kwiindibano zakhe noMphathiswa weSizwe wokuHialiswa koLuntu ukuze **kuhlaziwe ukubekwa kwindawo enye kwemodelei yenkxasomali yezindlu ezingxamisekileyo** – kuthatha ixesha elide ukufumana uncedo lwezindlu ezingxamisekileyo kubahlali abasemngciphekweni.

Ndiza kusebenzisana **neeNkulumbuso zakwamanye amaphondo** aselunxwemeni ukubona ukuba singasebenzisana njani ukuze siphuhlise iidlela ezingcono zokujongana nefuthe lokutshintsha kwemozulu kubahlali bethu.

Kwaye kwixesha eliphakathi nexesha elide kufuneka senze uhlaziyo olusekelwe **kubungqina bokusingqongileyo bendalo yethu, ezolimo kune neendawo ezakhiwyo.** Kufuneka **sithathe ngoku izigqibo namanyathelo anzima** ukwakha iphondo elinyamezela ngakumbi elinokumelana nale meko ingalindelekanga.

## **Ukwamkela uKwenz' okutsha neThekhnoloji**

Nabani na ochitha ngaphezu kwemizuzu embalwa kanye nam uyazi ukuba ndiyithanda kangakanani ithekhnoloji nokwenz' okutsha. Kwaye ndivuya ngakumbi xa **ithekhnoloji kanye nehlabathi elikhulayo lobukrelekrele bobuchwepheshe businceda siphucule unikezelo lweenkonzo kwaye sinciphise umthwalo kubasebenzi bethu.**

Sikubambele kufutshane entliziyweni yethu ukwenz' okutsha kulo rhulumente. Ukwenz' okutsha kusivumela ukuba sjongane nemiba, sisombulule iingxaki, kwaye siphucule indlala esisebenza ngayo ngeendlela ezizodwa nezahlukileyo.

Icandelo lezempilo lihamba phambili ekuphononongeni ezi thekhnoloji zintsha. Enye yezo ndlela kukusebeniza kwethu **utyando Iwerobhothi**. Kwiminyaka emi5 edlulileyo, lo rhulumente unikezele ngeerobhothi ezimbini ezenze utyando olungaphaya **kwama500 kwiSibhedlele saseTygerberg naseGroote Schuur**.

Kutshanje iSebe leMpilo neMpilontle lePhondo beliyinxalenyel yoTyando IweRobhothi ebibanjelwe kwiSibhedlele iGroote Schuur apho **besinokubonisa ngokuhlangeneyo umsebenzi obalulekileyo koku kukwenz' okutsha ukuphucula iinkonzo zonyango kubahlali bethu.**

Kwiiinzame zethu zokulwa nokuthintela ulwaphulomthetho, nayo ithekhnoloji ikwadlala indima ebaluleke ngakumbi. KweyoMdumba, uninzi loomasipala bethu bezithili bafumana **iminikelo yeedrones** ukunika iiarhente zogcinomthetho umda kanye "neliso elisesibhakabhakeni" ukunceda amagosa.

Kwaye kwiveki nje edlulileyo **siphehlelele uSetyenziso IweNkqubo yoLawulo oluHlangeneyo loMsebenzi weNtlalontle (i-SWIMS)**. Usetyenziso olu lujolise **ekunciphiseni umthwalo wolawulo kubasebenzi bethu bezentlalontle** ukuze bakwazi ukugxila ngakumbi kumandla abo ekuxhaseni abahlali abasemngciphekweni ngokusebenzisa ungenelelo lonyango.

Ulwamkelo lwethu lokwenz' okutsha luyaziwa kwaye luyaqtshelwa. Kwinyanga edlulileyo, siye safumana **iMbasu yoKwenz' okutsha kwiNkonzo kaRhulumente ebekekileyo kwiForam yeNkonzo kaRhulumente yeZizwe eziManyeneyo, ebibanjelwe eMzantsi Korea**, sibetha amangenelo angama400 asuka kumazwe angaphezu kwama70.

### **Siyaniqaphela NINA, bahlali bethu**

Kwaye ngelixa siza kuqhube ka nokutyala kakhulu ekwenzen' okutsha nakwithekhnoloji siyazi ukuba **lunxibelewano, incoko, ukubambana ngezandla zenu ukubonise ukuba niyakhathala, oko kumele kube sentliziyweni** yayo yonke into esiyenzayo.

Ukuba ndicinga ngenyambalala **yoolwezine bokuQala** enyangeni esithe sababamba neencoko ezininzi endibenazo nabahlali, ngelishwa ngamanye amaxesha andikwazi ukusombulula zonke iingxaki zabo; kodwa singabanika **intloniphoyokuphulaphula oko bakuthethayo kanye nethuba lokuba bazive bemanyelwe** – kanye njengokumamela nokuva, sinokubabonisa ukuba amazwi abo avakele.

Ithekhnoloji ayinako kwaye ayisayi kuthatha indawo yokuzinikela kwethu ekuqinisekiseni ukuba kuyo yonke indawo apha sisebenzisana nabemi bethu sibabonisa ukuba siyababona kwaye siyawaqaphela amava abo. Ndicele uMlawuli-Jikelele ukuba asebenzisane neofisi yam kunye namasebe ohlukeneyo karhulumente kuye wonke urhulumente ukuze kujongwe ukuba singenza njani na, **siphucule ngakumbi indlela abasebenzi bethu abanxibelelana ngayo nabahlali bethu kwaye okwesibini siqinisekise ukuba iindawo apha sidibana nabo khona zicocekile, ziyalungiswa kwaye zikhathalelw**. Ndiza kuqhubeka nenqubo yam yokutyelela amaziko ndingabhungisanga ukuqinisekisa ukuba amaziko ethu anika abahlali okona kulungileyo esinokubanika kona. Ngelixa ndisazi ukuba imigca inokuba mide ngamanye amaxesha, ngamanye amaxesha umnxeba wakho unokuthatha ixesha elide ukuphendulwa, **oko kwenza kube lula ukuba indawo olinde kuyo icocekile kwaye inesidima kwaye abasebenzi bethu banobuhlobo kunye nolwamkelayo**.

linkcukacha ezithe vetshe zimele zibaluleke kuthi njengorhulumente. Siyazingca ngokunikezela ngeenkonzo zoluntu ezsengangathweni, ngoko ke kufuneka sizingce ngendlela amaziko ethu akhangeleka ngayo kwaye asebenza ngayo. Kwaye **siyazingca ngabasebenzi bethu**. Isende indlela yohambo lwethu Iwenkcubeko njengorhulumente, kodwa wena, lusapho lwethu loRhulumente weNtshona Koloni, ubalulekile kwaye sesinye sezizathu kwezininzi esibangela ukuba kutheni ndizidla ngembasa yethu **yeTOPCO ngokuba nguMqeshi oPhezulu**.

Ngabasebenzi bethu, **SILAWULELA NINA bahlali bethu**.

Abahlali **bethu bangamehlo neendalebe zethu** phaya phandle: xa izikolo zisonakaliswa ngexesha leeholide, okanye isithuthi sikarhulumente sigityiselwa ngamatye, okanye kuqweqwediswe unontlalontle okanye iambulensi **ngabahlali bethu abangayiphelisa loo nto kwaye bathatthele kubo uxanduva**; kuba esi sisikolo afunda kuso umntwana wakho okanye isithuthi sikarhulumente esizisa amayeza emnyango wakho okanye esisa abantu obathandayo esibhedele ngexesha likaxakeka.

Abahlali bethu babonise **amandla entsebenziswano xa besabela kwiintlekele**: baye baliza ngeengubo nangokuya xa umntu ohlala nabo elahlekelwa yindlu ngenxa yomililo okanye isikhukula; bazisa amathontsi eliso ne-Energade kubacimililo bethu abadiniweyo kukulwa nomlilo, kodwa baphinde banyuke baze bapeyinte iindonga zaseMitchells Plain ezigqunywne ngegrafiti baze bancedisa ekucholeni inkunkuma kumanxweme ethu.

### **Ukuzinikela kwethu kwizinto ekumakuqalwe kusahleli kungagungqi**

Ngelixa siphawula ukuqalisa kolawulo <sup>lwe<sup>7</sup></sup>, siya kuqhubeka nokugxila kokumakuqalwe ngako kwethu:

- Ukwakha uqoqosho olukhulayo, olubandakanyayo olukhokelwa ziziseko ezingundoqo noludala imisebenzi
- Ukwakha amandl'ombane wethu nokhuseleko lwamanzi
- Ukudala iindawo zokuhlala ezikhuselekileyo kunye nokusasazwa kwezibonelelo zonyanelisomthetho kunye nezigqibo
- Ukuphucula ngakumbi iinkqubo zemfundo nezonakekelo lwempilo zephondo

## **Imisebenzi iyintsika yokwakha iphondo elinempumelelo**

Ndixakeke kakhulu kukwenz' imisebenzi nangokuvumela imisebenzi emininzi, kuba ngomsebenzi kuninzi okuvulelwa abahlali bethu.

Sele senze okuninzi njengorhulumente ukwenza cube lula kwicandelo labucala ukudala imisebenzi efuneka ngamandla. Eli phondo linelona nani liphezulu lamakhaya afumana umvuzo okwi-74,6%.

Kwaye sizimisele ukwenza cube lula kangangoko ukuba icandelo labucala likwazi ukwenza ushishino nokudala imisebenzi emininzi kwiphondo lethu.

Oku sikwenza ngamaphulo afana **neCandelo IoNcitshiso IwemiQathango eThintel' amaNqanaba oLawulo** nto leyo eyenza cube lula kumashishini ukuba aqale phantsi aze akhule. Kule minyaka mihielu idlulileyo umsebenzi weli candelo ube nesiphumo sokongiwa **kweebhiliyon ezingamaR2.4** kuqoqosho

Amashishini amancinci naphakathi aziinjini zokuhluma koqoqosho lwethu, asebenza kanye emsinu wezoqoqosho.

Ingxowamali yethu **yokuXhasa iSMME** incede **amakhulukhulu eeSMME, yagcina amawakawaka emisebenzi** kwaye xa sibala siza kubeka inkxasomali engakumbi ukuxhasa **ukupuhlisa amashishini eSMME aphuhle kweli xesha**.

Iqhinga lokuKhula kwezeMisebenzi (i-G4J) – lisisikhokelo sethu esibanzi sokuhula koqoqosho ngokupuhhlayo - sele linonyaka likho, kwaye sibona iziphumo ezikhuthazayo kwesi sicwangciso simandla sokuphembelela ukukhula koqoqosho.

Isibeke endleleni eya ekwakheni uqoqosho **olomeleleyo, olubandakanyayo, nolwahlukenyapo apha** bonke abahlali bethu baxhamlayo kulo. Oku okube yimpumelelo yomsebenzi kurhulumente wonke kuquka:

- Amashishini ali1 684 axhasiweyo;
- Yimisebenzi eli15 304 edaliweyo okanye egciniweyo;
- Ziibhiliyon eziR7.5 eziqquuselelweyo kutyalomali olutsha;
- Kufikelelwe kwiibhiliyon eziR2.8 ezibhengezo zokuthumela kumazw' angaphandle, apha ibhiliyon eR1 ibiyeyokuthumela eAfrika;
- Abahlali abangama28 348 baxhaswe ngendlela yethuba eli1 lezoqoqosho ubuncinane; kwaye
- Zixhasiwe iindlela zamangenelelo ali14 okuphucula uKwenziwa koShishino Lula.

Kungokuqhubeka komsebenzi onjengalo apha siya kuthi **sihlise izinga lethu lentswelangqesho libe ngaphantsi kwama-20%**. Kwaye nangona iNtshona Koloni iliphondo elinelona qondo liphantsi labantu abangaphangeliyo, lisahleli lingafun' ukuhla kunoku kwaye **iinkcukhachamanani kuninzi lwabahlali bethu azihambelani namava abo emihla ngemihla**.

Kufuneka siqinisekise ukuba zikhona iziseko zemeko zokudal' imisebenzi ekhulayo. Yiyo loo nto siza kusebenza ngokuzimisela noRhulumente woManyano weSizwe (GNU) ukuqinisekisa ukuba **ziyazalisekiswa iczwangciso zeOperation Vulindela**. Apha eNtshona Koloni, sifuna ukuyibona

inegalelo **ekuphuculen iukusebenza kothungelwano Iwamazibuko**, imithwalo, kunye nothungelwano Iwezothutho, kuba kufuneka siqhubekisele phambili olu qoqosho.

Ngelixa kukhuthaza ukubona oololiwe abaninzi kwiziporo zethu, abakabikho phantse ngokwaneleyo ukuthutha iimpahla esiwa emarikeni.

Ndibongoza Rhulumente woManyano weSizwe (GNU) ukuba **abeke phambili ukufuna amathuba utoyalomali Iwabucala ukwenzela iZibuko laseKapa**, kuba ulimo yeyona nto ibalulekileyo kwezoqoqosho kweli phondo, yaye ngaphezu kwama50% emveliso yezolimo yaseMzantsi Afrika avela apha.

Ukunika amathuba emisebenzi kwezolimo, sinikezele ngemfundo noqequesho Iwezolimo kubafundi ababhalisiweyo abangama2 248, **sabonelela ngekhosi zezakhono ezimfutshane kubaxhamli abali17 098, saze sanika abafundi abaphumeleyo abangama539 inkxasomali evuniywego kule minyaka mihihanu idlulileyo**.

Sikwaxhase amaphulo okubuyiselwa komhlaba kwiphondo: **iipesenti ezingama83% zamafama abuyiselwe umhlaba axhaswa ngulo rhulumente azithatha njengamashishini ezolimo anempumelelo**.

### **INTshona Koloni ivuleleke kushishino: itsala utoyalomali olongezelelekileyo**

Ukuba sifuna ukutsala utoyalomali oluthe kratya kwiphondo lethu nangaphandle, kufuneka sibonise abatyalimali ukuba ukholo Iwabo kuthi, kunye nemithombo yabo, lukhuselekile kwaye luyasebenza

Ekuqaleni kwalo nyaka iSalathisi sokuZithembba soShishino (i-BCI) seRMB/BER ibonise ukuba ukuzithembba kwiphondo lethu kungaphezu kwamanye amaphondo.

iSalathisi sokuZithembba soShishino (i-BCI) ibonise ukunyuka ngamanqaku ama3 kumanqanaba okuzithembba eNTshona Koloni ukusuka kwiKota 4 ka2023 ukuya kwiKota 1 ka2024, **siphucuka ukusuka kumanqaku angama37 ukuya kwangama40, kwi100 elinokubakho**. Oku kube ngenxa yokwanda okulandelelanayo kokuzithembba kwamashishini kwiphondo kunye nokona kwando kuzinzileyo kokuzithembba kushishino eNTshona Koloni ukusukela kwikota yesibini ka2018.

Kodwa kufuneka senze okuninzi kakhulu, kuba imingeni isaqatsele kakhulu.

### **Uphuhliso Iwezibonelelo zophuhliso**

Ndiye ndaphinda ndenza ukukhula koqoqosho olukhokelwa zizibonelelo ezingundoqo nokudalwa kwemisebenzi njengento emakuqalwe ngayo kweli xesha lam.

Ndiza kusebenza ngokuzimisela ukuze ndiqalise **iiprojekthi ezibalulekileyo nezinkulu esizidingayo ukuze uqoqosho Iwethu Lukhule**. Elinye lamanyathelo abalulekileyo kukwenza uludwe Iwezibonelelo ezingundoqo kuba siyazi ukuba kuthatha ixesha ukwenza ezi projekthi "zilungele ukusebenza" ukuze kwakhiwe izibonelelo ezingundoqo.

Siseke iSebe leZibonelelo zoPhuhliso ngenjongo eyodwa yokwakha iphondo elinobungqina **bexesha elizayo elineziseko zalo ekwenzen' okutsha, ekuxhobiseni, nasekuhlanganiseni**.

Kwaye kukho abantu kulo lonke urhulumente abajonge ukuba singaluqalisa njani na uqoqosho lwethu ngotyalomali lwezibonelelo zophuhliso ezingundoqo. Umzekelo, kungoku nje uyaqhube ka umsebenzi wokuhuba isicwangciso esinokuthi sibone lo rhulumente atyal' imali eziibhiliyon ezingamaR32.12 kwiiasethi ezisisigxina, kwiiprojekthi ezikhuthaza ukukhula, nakwizibonelelo zophuhliso lwezolimo ukuvuselela imali eqikelelwa kwiihbiliyon ezingama73 kulwakhiwo lwenkunzi ngokunjalo nokutyal' imali ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo kuqoqosho lwethu kule minyaka mithathu izayo. Oku nje kukodwa kunokuvvelisa imisebenzi eli103 000, ama61% yayo ibe ngamathuba engqosho yabaxhotyiswe ngezakhono eziphantsi nabangenazakhono.

INtshona Koloni inkagenqezza phambili ekunikezelweni kwezindlu ezifikelelekayo ngenqubo ethi **iMali yeNdu yokuQala**.

Sakha amakhaya ngokukhawuleza kangangoko sinako. Ukusukela ngo2019 sibonelele **ngamathuba ezindlu angaphezu kwama43 000**.

Ukubuyisela isidima kubahlali abasemngciphekweni, lo rhulumente usebenza nzima ukuqinisekisa ukuba abaxhamli bezindlu bafumana iimpepha zabo zetayitile, bequkumbela uhambo lwabo lokuba ngabanini bamakhaya abo ngokusesikweni.

Phakathi ko2019 no2023, kuye kwabhaliswa iitayitile **ezili-17 705 ukwenzela** uphuhliso olutsha.

Ngexesha umxhamli wendlu, eyakhiwe liSebe lethu leZibonelelo zoPhuhliso, ephuma ngomnyango wakhe wangaphambili esiya emsebenzini okanye esikolweni, uza kuhamba kwindlela ekusenokwenzeka ukuba yakhiwe ngulo rhulumente.

Sifuna ukuqinisekisa ukuba abahlali banamava obuchule, ingcinga, kunye nenkathalo esiyityalayo ekuziseni izibonelelo zophuhliso ezibalulekileyo.

NgoTshazimpuzi ka2024, uMphathiswa weZibonelelo zoPhuhliso uTertuis Simmers ekunye nam savula ngokusesikweni iSiphambuka soShishino **IweN7. Le projekthi ixabisa izigidi ezingamaR250** ibe yimveliso yeminyaka yomsebenzi onzima esasiwucebe ngobuchule obujoliswe ekudibaniseni uluntu.

Esi siphambuka singaphezulu lee kunetela, intsimbi, nesamente nje. Kwakho oku kufuneka kubonwe **njengesixhobo soqoqosho esidibanisa abemi kumathuba ezoqoqosho**. Kwaye kule nyanga nje, sinikeze uhlaziyo olubalulekileyo malunga nezigid **eziR640 kuphuculo IweMalmesbury Bypass** kwiningqi yaseSwartland. Olu phuculo luyinxalenyebalulekileyo yeProjekthi eHlanganisiweyo yeQhinga lokusebenza lesi5, phantsi kweSicwangciso seZibonelelo zeSizwe sika2050. Ukwakhiwa kwaqala ngoCanzibe 2023 kwaye iprojekthi ilindeleke ukuba igqitywe kwinyanga yeNkanga ka2025.

### **Kunika abahlali bethu izakhono abazidingayo ukuze baphumelele**

Kodwa abahlali bethu, ingakumbi ulutsha lwethu, badinga izakhono ukuze bakwazi ukuthath' inxaxheba kuhlumo loqoqosho olukhokelwa zizibonelelo zophuhliso. Ngokusebenzia **iNkqubo yeBhasari iMasakh'iSizwe**, ekhethekileyo eNtshona Koloni, **amakhulukhulu abantu abatsha baxhasiwe** ukuze baphumeze amaphupha abo okufumana ithuba lokufunda kwicandelo lezibonelelo zophuhliso kumaziko emfund ophakamileyo angamahlakani.

INkqubo iYearBeyond yethu ihleli ilinyathelo elibalulekileyo eliqhubekayo ukunika abantu abatsha abangaphaneliyo abaphakathi kweminyaka eli18 nama25 ngoncedo njengoko bezilungiselela imarike yemisebenzi.

Ngaphezu **kwe10 000 “IeeYeboneers”** liye laxhamla kule nkqubo kule minyaka mi5 idlulileyo.

I-YearBeyond ibona amandla amakhulu kubantu abatsha abafuna ukwenza impumelelo yobomi babo. Inika abathathinxaxheba inkaso abayidingayo ukuze baguqule amaphupha abo abe yinyani kwaye ikhuthaze izizukulwana ezizayo eziziinkokheli.

Kutshanje, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo laseNtshona Koloni liye lasingatha iNkomfa yoNyaka yeYearBeyond ebine1000 yolutsha. Ngokufana nephulo lethu loSuku IwamaThuba ali1 000, le nkomfa isezenze njengendawo **yokuphehlelela abantu abatsha abaqalisa uhambo lwabo oluya kwikamva labo.**

Ukuza kuthi ga namhlanje, iZiko i-I-CAN, elise Elsies River, **libonelele ngamaphulo ophuhliso lwezakhono angaphezu kwe15 000.**

Ukusukela ngo2020, inkqubo yokuFunda ngaMava kaRhulumente weNtshona Koloni iye yanceda malunga ne**12 420 yabantu abatsha, abangaphaneliyo baseMzantsi Afrika**, abasuka kwiindawo ezhlelelekileyo ukuze bafumane imisebenzi esisigxina okanye yekhontrakthi eNtshona Koloni.

Kodwa eyona nyaniso ibalulekileyo yeyokuba abantu abaninzi kakhulu, **ingakumbi ulutsha, abakwazi ukuwufumana umsebenzi.** Thina njengorhulumente wephondo kufuneka sithathe amanyathelo okubabonisa ukuba nangona iimeko zabo zimbi, silapha ukubancedisa baphakame ngokunjalo nokubabonisa indlela yokufikelela ngokupheleleyo kwisakhono zabo.

Kufuneka sisebenze njengekhonkco apha abaqeshi nabasebenzi badibana khona size siqhubeke ngokusebenza kunye. linkqubo ezifana **neVowutsha yokuHamba uyoFun' umsebenzi** izama ukudibanisa abantu abafuna umsebenzi kunye nabo banokuba ngabaqeshi. Inyathelo elilingwayo libonelela abantu abafuna umsebenzi ukuba bahambe simahla ukuya kudliwanondlebe besebenzisa izithuthi zeNkonzo yeBhasi kaGolden Arrow. Le nkqubo iye yaqaphela ukuba ukufikelela kwezothutho kungumqobo onzima kulutsha oluninzi olukhangela amathuba omsebenzi.

### **Ukukhusela ikamva lamndl' ombane wetu**

Kodwa asikwazi ukukhulisa uqoqosho lwethu ukuba asinawo amandl' ombane, ongenakhabhoni nothembakeleyo.

Sisondele kwiinyanga ezi4 ngaphandle kocimombane ngokunjalo neNqanaba lokuFumaneka kwaMandl' ombane (i-EAF) eliphuculiwego nto leyo ngokophehlombane iziindaba ezimnandi. Nangona kunjalo, kuShishino loNikezelolwaMandl' ombane (i-ESI) olukhulu sijongene nemiqobo elandelayo enokuthi isibuyisele kucimombane. Kufuneka silungise ngokukhawuleza uthungelwano losasazo lombane lukazwelonke oluthintelweyo nothungelwano losasazo lombane olusele luludala nolungazange lwaphuhliswa okanye lwalungiswa ngokwaneleyo.

Kule minyaka mihlani izayo siza kukuphinda kabini kwiphulo lethu **lokwenza iNtshona Koloni ikwazi ukumelana namandi' ombane**, ngokuxhobisa icandelo labucala ukuba lityal' imali kwimithombo yamndl' ombane ahlaziyekayo.

Impembelelo yokungacociswa kwekhabhoni kuqoqosho kukuba iimpahla eziveliswe kumazwe angaphandle, kusetyenziswa umxube wamndl' ombane okhoyo, nosekelwe ikakhulu kumafutha endalo, iza kuhlawulisa irhafu yekhabhoni, ubungakanani bako bunokwenza ukuba iimveliso zethu ezithunyelwa kumazw' angaphandle zingakwazi ukukhuphisana. Ngoko ke imfuno yokuguqukela **kumndl' ombane ahlaziyekayo ingakumbi amndl' ombane ahlaziyekayo esekelwe eNtshona Koloni, ibalulekile**.

Sisendleleni elungileyo yokwenza nokuba yidolophu enye **encinci kweli phondo ingabinalo ucimombane**. **NgeRiversdale**, sifuna ukubonisa ukuba ukhuseleko Iwamndl' ombane lunokwenzeka ngaphandle kweemetro ezinkulu ezinohlahlomali olukhulu.

Siza kuqhubeke simxhasa uMphathiswa wezoMbane noEskom naphi na aphi bayifuna khona inkxaso, kodwa siza **kubaphendulisa aphi bangawenzi khona umsebenzi**. Ndabelane ngonxunguphalo Iwabahlali abaninzi kwezi nyanga zimbalwa zidlulileyo ngokusabela kade kukaEskom kwiziphene zombane, ingakumbi emva kwezaqhwithi ezinkulu. Ndiza kubagcina ngoxinzelelo ukuze banyuse iikawusi kwaye baphucule iinkonzo zabo.

INkqubo **yoZinzo IwaMndl' ombane eNtshona Koloni sele ibone i2 000MW** yamandla amatsha kupuhliso, kwaye **ngo2023/24 yedwa siphela sibone kusengezeka i743 MW yomthamo** owongeziweyo kwinkqubo yamndl' ombane yephondo.

Iphulo lethu elisingise kwikamva elikhuseleke lamndl' ombane ngokuzisa abavelisi bamndl' ombane abazimeleyo kuthathelw' ingqalelo ngamaziko afana neloMlawuli wezaMndl' ombane kuZwelonke (i-NERSA).

Ngokutsho kweNERSA, i39% yexabiso lilonke lotalomali lweeprojekthi zophehlombane ezintsha, ezixabisa ngaphezu kweebhiliyon **eziR7, ezibhalisiweyo ukususela kweyoMqungu ukuya kweyoKwindla 2024 zilapha eNtshona Koloni**. Oku kukhokelele ekufakweni komthamo ozi213MW. **Kumaziko ophehlombane amatsha ali105 abhalisiweyo, isi1 kwisi5 (21%) silapha kweli phondo**.

Kurhulumente wethu wonke, senza konke esinako ukuthintela impembelelo yocimombane kwiinkonzo ezibalulekileyo. Ukususela **ekufakelweni kwezibane ezonga umbane ezikolweni, kusasazwa ngamawakawaka eepakethi zoncedo locimombane kubahlali abasemngciphekweni nakubafundi beBanga loku1 nele12 kwizikolo zethu ezikwinqanaba elisezantsi** lentlupheko, ukuqinisekisa ukuba izibhedele zethu ezikhulu **ezili10 azibano ucimombane**, kunye nokuphehlelela izixhobo **zombane ezinamavili**, silwe nale ngxaki kuzo zonke iinkalo.

Kukwayinto entle ukubona ukuba ezinye zeeprojekthi zethu, zenziwe zenzeka ngokusebenzia ubuhlakani, obuncedayo ukugcina iinkonzo ezinjengokufundisa nokufunda ziqbeka naxa izibane zicima.

Ebutsheni balo nyaka ndityelele **iSikolo samaBang' aphantsi** iCloesteville eStellenbosch, isikolo sokuqala kweli lizwe ukufumana iSatifikethi sokuSebenza kwaMndl' ombane emva kokuba

iYunivesithi yaseStellenbosch kanye nenkampani yabucala **bebambisene ukufakela le isistimu yesola yePV ezi7.5kW**. Esi sikolo asiqinisekisi nje kuphela ukuba imfundo inikwa abafundi baso ngaphandle kokuphazamiseka kodwa senza umahluko kokusingqongileyo.

Akukho cadelo loluntu elalikhuselekile kwimpembelelo yokuncitshisa kwamandl' ombane. Amashishini, ingakumbi iSMME, ngawona ayefumana ubunzima. Kodwa phakathi kweyona ngxaki inkulu kaEskom yocimombane, **iNkqubo yeNxaso yaMndl' ombane angaManye yanika inkxaso kwiiSMME..** Le nkqubo ifakele iisitim zesola **ezili12 zokuxhasa kwiindawo ezi-12 zokurhweba zeSMME koomasipala aba7**, abaquka: iDrakenstein, iStellenbosch, iCape Aghulhas, iTheewaterskloof, iLaingsburg, iOudtshoorn neMossel Bay.

### **Ukudala imisebenzi ngokusebenzia ukhenketho**

Ekugqibeleni, zonke iinzame zethu kulo rhulumente zijolise ekuvulweni amathuba emisebenzi emininzi. Kwaye **ukhenketho iuhlala lungumthombo ongundoqo womsebenzi**.

Nokuba liliphi ixesha lonyaka, nokuba lelemvula nelelanga, abantu basakhetha iphondo lethu njengendawo yokuchithel' iholide. Abakhenkethi abafika eKapa ngenqwelomoya banye bayokufikelela **ngokumangalisayo kwi16% unyaka nonyaka phakathi kwegoMqungu neyoKwindla ka-2024, bafikelele kuma336,268 abatyeleli**. Oku akubonisi nje kuphela ukuchacha okubonakalayo kodwa nokudlula kwinani lonyaka ka2019 kwangeli xesha linye.

Ukusukela kwegoMsintsi ka2022 iprojekthi yethu yoFikelelo loMoya yaseKapa ithenge iinqwelomoya ezintsha ezisi7 kanye neendlela ezintsha ezisi7 eziya kwiSikhululo seeNqwelomoya saMazwe ngaMazwe eKapa, equka iinqwelomoya ezintsha ezi4 kanye neendlela ezintathu ezintsha: iLusaka, Eswatini neSão Paulo kulo nyaka uphelileyo kuphela.

Kwiindwendwe **ezili100 zamazwe ngamazwe, iNtshona Koloni izuza izigidi eziR2.1 kwinkcitho yabakhenkethi ngokuthe ngqo, nto leyo eyongeza iR500,000 kwiGDP yethu, nokudala imisebenzi emibini yalapha ekhaya**.

Kwaye ilifa elikhethekileyo lephondo lethu lidlala indima ebalulekileyo kushishino lwethu lokhenketho. NgoLwesihlanu, iSeshoni yama46 yeKomiti yeLifa leMveli yeUNESCO ibhengeze iwonga **leLifa leHlabathi kwiziza ezintathu eNtshona Koloni naKwaZulu-Natal**, njengenxalenye yotyumbo loMzantsi Afrika, 'UkuVela koKuziphatha koLuntu lwale Mihla: liSayithi eKwakuhlai' abantu kuzo mandulo eMzantsi Afrika.' Ezi ndawo zintathu zezi:

- IDiepkloof Rock Shelter kufutshane neElands Bay eNtshona Koloni
- IPinnacle Point Site Complex eMossel Bay eNtshona Koloni
- ISibudu Cave KwaDukuza kwaKwaZulu-Natal.

Ngeli lixa ezi sayithi ziza kutsala amandwendwe amaninzi kwaye zibhiyozele ilifa lethu elikhethekileyo, eli lungelo likwabonisa inyathelo elibalulekileyo kuhambo lwethu **oluhlangeneyo lokulondoloza nokubhiyoza imvelaphi yokuziphatha kwabantu bale mihla kanye nenkcubeko yethu ekwabelwana ngayo**.

### **Iphondo elikhuselekileyo liphondo elinempumelelo**

Kuzo zombini iimeko zendwendwe nabahlali bethu, ukhuseleko lubaluleke kakhulu. Ndiyazingca kakhulu **ngeSicwangciso sokuQhubela phambili ngoNyanzelo loMthetho (i-LEAP) sethu – esiyintsebenziswano ekhokelayo phakathi kwethu neSixeko saseKapa**. Ukusukela oko sasekwayo, abasetyhini kunye namadoda akhaliphileyo athi asasazwe yonke imihla kwezinye zezona ndawo zinolwaphulomthetho kwiKapa ngokubanzi, basebenza ngokuzimisela ukwenza abanyeabantu bazivebekhuselekile.

Bexhobe ngedatha, ubungqina, ngethekhnoloji, nangemfundo, amagosa ethu **eLEAP abambe ngaphezu kwabantu abangama34 000** – kwaye asaqhubeka.

Ngaphaya kweKapa, **iiYuniti zoKhuseleko IwaseMaphandleni kwiPhondo zethu zijkeleza** kumasipala waseSwartland nowaseOverstrand, zikunye neeYuniti **zeK9 kwingingqi yaseSwartland, Overstrand** neyaseMossel Bay. Ukongeza, ngoku kukho **ooSolomzi abaVuniwego abangama477** kwiphondo, enziwa nagabantu **abali14 632 abajikelezayo**. Bayinxalenye ebalulekileyo yothungelwano lwethu lokhuseleko nokhuselo.

Ukuphelisa ulwaphulomthetho, sifuna izixhobo ezaneleyo, nto leyo ehleli iyinkxalabo enkulu kum. Oogxa bethu kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika eNtshona Koloni abanazo izixhobo zokusebenza ezifanelekileyo. Ngeli lixa umyinge wamapolisa kwiphondo kuluntu uhleli umalunga negosa elinye kubahlali abangama417, ngaphantsi kakhulu kumyinge kazwelonke oyi1:435. Xa ukujonga oku kwinqanaba lesikhululo amanani abonisa mfanekiso wumbi. KwiSikhululo samaPolisa saseCloetesville umlinganiselo yi1: 1281, eDe Doorns yi1: 988 uze eLwandle ube yi1:958.

Iyandikhuthaza into yokuba uMphathiswa wePhondo woBekoliso kumaPolisa noKhuseleko loLuntu, uNks Anroux Marais, abe neentlanganiso **ezincumisayo noMkomishinala wamaPolisa eNtshona Koloni uLieutenant-General Patekile** kunye **noMphathiswa wezamaPolisa kuzwelonke**.

Kodwa nangona ndixolile zezi ngxoxo kunye nomoya okhulayo wolawulo lwentsebenziswano, andizukwaneliseka de sibone **ukunatyiswa kwamapolisa, ukuthathwa kwezigqibo** kunye **nokwabiwa kwezibonelelo** kwiindawo ezizidunga kakhulu.

### **Ukunceda abona bantu basemngciphekweni kwiphondo lethu**

Kwaye nangona kufuneka senze konke ukulwa nolwaphulomthetho, kufuneka sijonge neemeko abahlala kuzo abahlali bethu. ISebe lethu loPhuhliso loLuntu **liyintliziyo yorhulumente wethu**.

Apho abahlali bawela kwiintanda zoluntu, abasebenzi bethu bezentlalontle abasebenza nzima bakhona ukuba babancede. Kwabona basemngciphekweni kunyanzelekile ukuba sibancede babuyeleye ezinyaweni zabo.

Ebutsheni bale nyanga, uMphathiswa wephondo woPhuhliso loLuntu uncedise ekuvuleni ngokusesikweni iziko elitsha elihlaziyiweyo **iHorizon Secure Care Centre** apha eKapa.

Lelinye **lamaziko asixhenxe alolu hlubo kweli phondo** alawulwa lisebe elinceda ulutsha olukhe lwangquzulana nomthetho.

Ngaphaya kwamagumbi okufundela amahlanu asandula kwakhiwa, amaziko oqequesho lwezakhono zomsebenzi nezibonelelo zolonwabo - phakathi kwezinye izinto - eli ziko limele

unakekelo nokusabela kukarhulumente wethu kubantu abafuna uncedo lokubuyisela ubomi babo esiqhelweni.

Okuyinyaniso abaqubisana nako abantu abaninzi kakhulu imihla ngemihla kwiphondo lethu kusenokungabonakalisi impumelelo karhulumente wethu.

Ingxaki yeendaleko zokuphila inamakhaya amaninzi kakhulu akrwitshekayo yile ngxaki. Sisenokuba sidala imisebenzi, kodwa abahlali abaninzi kakhulu abasiva siqabu sala mathuba ezoqoqosho.

Akukho mntu kufuneka alale engatyanga - nanini na. Ngokukhula sidala ukhuseleko lokutya; ngokwenza uluntu lukwazi ukuzondla zingawkazi ukondla uluntu lwethu.

Ukupuhlisa imveliso yokutya kwizinga loluntu, ukusuka ngo2019 ukuya ngo2023, sixhase abavelisi abasakhasayo **abangama48, abavelisi bokutya abali172, kunye namakhaya angama3 308** ekuelisweni kwemithombo yokutya efana nezitiya zokutya.

Kwakweli xesha linye, siye sanikela ngokutya okuphekiwego kwabo bakudingayo, kusetyenzisa amaziko oluntu **ali102 esondlo nophuhliso kunye namakhitshi esuphu angama358** kwiphondo liphela.

Ezikolweni zethu, bangaphezu **kwama500 000 abafundi abasemngciphekweni abafumana ukutya simahla nyaka ngamnye** ngeNkqubo yeSondlo yeZikolo.

Njengeqela sele sivumelene ukuba abaphathiswa bezeMpilo, ezeMfundu kunye noPhuhliso loLuntu baza kusebenzisana ukuchonga apho kukho izikhewu kwinkqubo zethu ezibanzi zesondlo kunye nendlela esiqinisekisa ngayo ukuba **silwa indlala ngokutya okunempilo, okufikelelekayo..** Kufuneka senz' okutsha: umzekelo, ndiye ndacela uMphathiswa weMfundu wethu ukuba ajonge ukuba kunokwenzeka yini na ukuba abafundi abayinxalenye yenqubo yethu yokondla abantwana bagoduke ngoLwesihlanu nepasile yokutya ukwenzela impelaveki. Kuba uninzi lwabafundi bethu bafumana isidlo sabo sokugqibela ngoLwesihlanu nesidlo esilandelayo ngentsasa yangoMvulo.

### **Ukulawulela abahlali bethu**

Ngelixa bendihlandinyuka kweli phondo ekuqaleni kwalo nyaka, uninzi lwabahlali bethu bathethe nam ngeenkonzo ezingezizo abazifumana koomasipala babo. Kuninzi esikwenzayo njengoRhulumente weNtshona Koloni ukuphendulisa oomasipala ukuze **bathathele kubo uxanduva kwaye sibaxhase**, kuba kukwinqanaba loorhulumente bengingqi apho iinkonzo ezininzi ezibalulekileyo zinikezelwa khona.

Ngaphambili ndaphakamisa ukuphazamiseka kwam yinkqubo ecothayo nengalawulekiyo ekufuneka siyilande **ngokweCandelo 139 loMgaqosiseko** xa besilela oorhulumente bengingqi. Ndiye ndathetha kakhulu ngokuwohloka endikubonayo kwidolophu yam **yakudala iKnysna**. Nangona ndikuhlonipha kakhulu ukuzimela korhulumente wengingqi, **asikwazi nje ukungenelela xa yonke into yonakele**. Ndiwuphakamise lo mba kuMphathiswa kazwelonke, kwaye ndiza kuhlala ndiyiphakamisa imiqobo engeyomfuneko esendleleni yethu yokujongana nokuwohloka konikezelo lweenkonzo.

Kodwa nangona ndihlala ndiphazamisekile, ndikwazingca **kananjalo ngezinto ezenziwa ngoomasipala bethu**. KweyoKwindla kulo nyaka iziphumo zeziko lophando elizimeleyo, iSalathiso soKwenziwa komsebenzi woLawulo luka2024 woLawulo oluLungileyo, **siqinisekise ukuba ooMasipala abaninzi baseNtshona Koloni** ngabona baqhuba kakuhle kakhulu elizweni okuzokuthi ga ngoku.

Isalathiso sibonise ukuba:

- IKapa ineyona metro iqhuba kakuhle eMzantsi Afrika, eyaziwa ngemigangatho ephezulu yonikezeloo lweenkonzo;
- Oomasipala bezithili aba-4 abaphezulu eMzantsi Afrika, kudidi olungenaGunnyaziwe weNkonzo yaManzi, babekwe kwindawo ephezulu: iCape Winelands, iWest Coast, iGarden Route, neOverberg; kwaye
- Abona masipala bengingqi aba3 bagqwasileyo eMzantsi Afrika baphuma eNtshona Koloni bonke. ISwartland (Eyona Dolophu iNCinci iGqwasileyo) ngoyena masipala uphezulu kuzwelone, elandelwa yiDrakenstein (Esona Sixeko seSibini), kuze iSaldanha (Eyeyona Dolophu iNkulu) ekwindawo yesithathu.

Oku kubonisa iminyaka yotyalomali koorhulumente bethu bengingqi, kune nokubaxhasa ukuze banikezele ngeenkonzo kubahlali bethu.

### **Ukuqukumbela**

Ndiziva ndinemvakalelo yempumelelo neyokuzingca xa ndibona urhulumente eqhutywa ngokufanelekileyo, kwaye ndiyakholelwu ukuba senza kanye oko apha eNtshona Koloni. Kodwa ngelixa siwubekele phezulu umgangatho, kufuneka siwunyuse ngakumbi.

Ukusukela kunyulo siye **sadibana njengeKhabhinethi naBaphathi abaPhezulu bePhondo** ukuze simisele izinto **ekumakuqalwe ngazo kweli xesha lale minyaka mihlau izayo njengeqela**. Ndivuyiswa yindlela eli qela elijonga ngayo imingeni esijongene nayo nendlela esifumanisa ngayo iindlela **ezahlukileyo zokuqbisana nemiba ethis' ibunzi** – ingakumbi oogxa bam abakwezempiro nezemfundo bajonge indlela esinokuhlangabezana ngayo neemfuno ezandayo kwezi nkalo. AbaPhathiswa ngoku baza kusebenza namaqela abo kwaye bajonge ukuba sizingenisa njanu na ezo nkqubo nemigaqonkqubo kwiSakhelo soMgaqonkqubo woHlahlomali IweSiqingatha seXesha kweyeDwarha nangohlahlomali luka2024/25 kweyoMdumba kunya ozayo.

Sichitha iintsku, ubusuku, iinyanga, neminyaka sibeka iinkqubo kune nabantu phambili ukuze sikhazi ukwenza ukuba ootitshala bethu abangama90 000, abongikazi, oogqirha, abasebenzi bendlela, noonontlalontle basebenzele bonke abahlali baseNtshona Koloni, ingakumbi abo basemngciphekweni abathembele kakhulu kwiinkonzo zikarhulumente.

Kuninzi eselesikwenzile kakade. Kodwa **asinakukwazi ukuphumla kwaye siyekel' umxakatho**.

Kufuneka sisabenze nzima kunangaphambili, sinenjongo nokuzimisela, ukuqinisekisa ukuba iphondo nabemi bethu bahlala bephumelela.

Andizikhohli malunga nokungathi andiyazi imingeni okanye iingxaki eziphambi kwethu esinokujamelana nazo.

Xa ndandithatha isifungo sobuNkulumbuso kwiminyaka emi5 eyadlulayo, ndafunga **ukuxhasa nokukhusela isidima sabo bonke abahlali bethu**. Oku akutshintshanga.

Ndiyakholewa kwiphondo nakwilizwe lethu elimangalisayo; kuba ndizibonele ngokwam into enokwenzeka xa sisebenza ngenjongo nokuzinikela.

**Masingaliphos' emgqubeni** eli xesha kwimbali yelizwe lethu.

Masibonise ukuba **amaqel' aphambili anakho** ukulwa nemikhosi egabadelayo engasekunene nangasekhohlo kwabo bafuna ukusahlula baze basebenzele iimfuno zeqaqobana, hayi isininzi sabahlali bethu.

**Masisebenzeni kunye**, sinenjongo ehlaziyiweyo nokuzinikela ekukhonzeni abantu belizwe nephondo lethu elihle.